


USHWANKATHELO

LweNkqubo yokuThengwa koMvelisi oziMeleyo woMbane oHlaziyekayo (REIPPPP)



INGABA YINTONI UMBANE OHLAZIYEKAYO?

UMBane oHlaziyekayo wenziwa ngemithombo ephinda ibekho ngokwendalo, efana **nomoya, amanzi, nelanga**. AMandla aHlaziyekayo akwabizwa ngokuba “ngamandla acocekileyo” okanye “amandla aluhlaza” kuba aneziphumo ezimbi ezimbalwa emoyeni nasemanzini. UMzantsi Afrika, udinga umbane omninzi (kuquka **iziseko zophuhliso zombane** umzekelo **iiplanti zombane negridi yohanjiso lombane**) njengoko izidingo zabantu nezombane zisanda.



I-REIPPPP

INkqubo yokuThengwa koMvelisi oziMeleyo woMbane oHlaziyekayo

IOfisi yeNtengo yamiselwa liSebe lezaMandla (iDoE), neBhanki yoPhuhliso yaseMazantsi eAfrika (iDBSA) ngegunya eliphambili lokufumana umbane kwimithombo yombane ohlaziyekayo nongahlaziyekeyo esuka kwicandelo labucala. Noko kunjalo, umgaqonkqubo wezamandla nobonelelo ngombane awukho malunga netekhnoloji kuphela, kodwa ukwanalo nefuthe elikhulu ekukhuleni koqoqosho nophuhliso lwezentalo nezoqoqosho. Ngoko ke, i-IPPP iye yayilelwa ukwenza ngaphezulu kokuthenga umbane ukuze ithi kananjalo ibe negalelo kwiinjongo zesizwe ezingokubanzi nangakumbi ezifana nokudalwa kwamathuba emisebenzi, ukuphakanyiswa kwezentlalo, nokwenziwa banzi nangakumbi kobunini bezoqoqosho.



IINYANISO NGE-REIPPP EZIPHAMBILI



INGABA ZINGAFUNYANWA PHI IIPROJEKTHI ZE-REIPPP EMZANTSI AFRIKA?

ISIHLOKO: UKWAHLULAHULWA KWETEKHNOLOJI KWIPHONDO NGALINYE NGOKWEEGAWATT ZIZONKE					
	Umoya wakufuphi nenxweme	ISola PV	IHayidro eNcinci	Ibhayomesi	IRhasi yaseTiphini
EMpumakoloni	1 426	70			
EFreyistata		196	8		
EGauteng					8
ELimpopo		118			
EMPumalanga				25	
EMntla Ntshona		275			
EMntla Koloni	1 458	1495	10		
ENtshona Koloni	729	134			


ISIHLOKO: UKWAHLULAHULWA KWETEKHNOLOJI NGOKWEEGAWATT KWI-REIPPP IYONKE UKUZA KUTHI GA NGOKU		
	Umoya wakufuphi nenxweme	
●	77 367	
●	43 565	
●	476	
●	786	
●	224	

KUTHENI SINGAWUSEBENZISI NGALO LONKE IXESHA UMBANE OHLAZIYEKAYO?

UMBane ohlaziyekayo useyitekhnoloji esentsha noko, kwaye ukusetyenziswa kwawo kusaqala ukunwenwa eMzantsi Afrika kodwa ekuhambeni kwexesha siza kusebenzisa uMbane oHlaziyekayo omninzi nangakumbi, kunye nogcino lwale mihla nezinye iitekhnoloji ezinokuguquguquka, nanjengoko olu shishino lukhula kwaye nokutshintsha ukusuka kumbane omdaka ukuya kumbane ococekileyo kukhula.

UMATSHINI WOKWENZA UMBANE NGOMOYA?

Imithombo yombane ohlaziyekayo ikhona kuyo yonke indawo esingqongileyo. Isemoyeni obhudlayo, elangeni elikhanyayo, emanzini ahambayo nkqu nasengceni ekhulayo. Sidibana nemithombo yombane ohlaziyekayo yonke imihla.



INGABA ULUNTU LUXHAMLA NJANI KWII-REIPPP?

- Inceda **ekusombululeni iingxaki** zombane eMzantsi Afrika ngokuthi ifake umbane **kwigradi kazwelonke**
- Ithi kananjalo iphakamise imisebenzi yezoqoqosho kweli lizwe
- Inegalelo kumathuba ezoqoqosho akweli nophuhliso loluntu lweli ngokusebenzisa iiprojekthi zeIPP

I-REIPPPP ilithuba lokuxhobisa abantu.

Uxhotyiso yinkqubo apho abantu bathi bathathe ulawulo olukhulu lwezigqibo, lweeasethi olwemigaqonkqubo, lwamaziko nolweenkqubo ezichaphazela ubomi babo.

Oku kunokufezekiswa ngokwandiswa kweengeniso neeasethi zabo bangathathi ntweni; ungenelelo olunenjongo yokuphucula ukuzithemba nokuzihlonipha kwabantu buqu; ukuphuhlisa ukuthathwa kwezigqibo ngobanjiswano kunye/okanye ukwakha ngokutsha amaziko ezopolitiko ukuze abe noquko nangakumbi.

Iinzuzo zophuhliso LOLUNTU LWEENGINEGQI

Isigama esithi **uluntu lweengingqi** siqondwa kwiREIPPP njengeendawo **ezihlala abantu ekuphakathi kokuba zikwirediyasi engama50km ukungqonga isayithi yeprojekthi** okanye **kumda womasipala weSithili** (umahluko phakathi kweeprojekthi zeIPP).

UKUDALWA KWAMATHUBA EMISEBENZU


Ii-IPP zikhetha ukuqesha abemi boMzantsi Afrika abamnyama kuquka namanina nolutsha olusuka kuluntu lweengingqi.

I-REIPPPP idale iminyaka yemisebenzi engama**99 519*** kuluntu lwaseMzantsi Afrika ukuza kuthi ga ngoku.

UPHUHLISO LWEZENTLALO NEZOQOQOSHO

Utyalomali lwe**SED oluzibhiliyoni eziR3.5** ukuza kuthi ga ngoku noluye lwahlulwa ngokufanelekileyo:

- EzeMfundo
- EzoKhathalelo lwezeMpilo
- Ezentlontle
- Ezolawulo jikelele
- Ezophuhliso lwezoshishino



*Iminyaka yemisebenzi: Into elingana nethuba lengaqesho elisisigxina kumntu ngamnye unyaka omnye.

UPHUHLISO LWEZOSHISHINO

Utyalo mali lweED **oluyibhiliyoni eR1.1** ukuza kuthi ga ngoku kwii-intyubhayitha zezoshishino, njalo njalo

UKUBA NEZABELO KWIINGINGQI

Umndilili oli**11%** we**IPP** nganye ngowequmrhu elimale uluntu (umzekelo ithrasti yoluntu, inkampani yoluntu). Izabelo zeengeniso zityalwa kwiiprojekthi zophuhliso loluntu.

I-IPP uMvelisi oziMeleyo woMbane

I-IPP ngumbutho oneziko lokuvelisa umbane kwaye ingathengisela umbane iinkampani nabantu abasebenzisa umbane. Ngokwesiqhelo iba yinkampani yabucala kwaye jikelele ayibi yinkampani esetyenziswa nguwonkewonke. Ukuthengiselana ngombane phakathi kweIPP kunye nabathengi bayo ngokwesiqhelo kulawulwa ngekhontrakthi ebizwa ngokuba “**sisiVumelwano sokuThengwa koMbane**”. EMzantsi Afrika, iiIPP zithengisa umbane wazo zithengisele u**ESKOM**, **oomasipala** okanye **amanye amashishini amakhulu** (umzekelo imigodi, iifektri).



INGABA NILUVAKALISA NJANI ULUVO LWENI NJENGOLUNTU

Iprojekthi yombane ohlaziyekayo inokufuna ugunyaziso neemvume ezahlukeneyo, nezithi zichukumise intathonyaxheba yoluntu ukuze kuthethwane noluntu kwaye lubandakanywe. Enye yazo luvavanyo lwefuthe kokusingqongileyo (iEIA). Ukuba iprojekthi yombane ohlaziyekayo ichukumisa imisebenzi edwelisiweyo phantsi koMthetho woLawulo lokusiNgqongileyo kuZwelonke (iNEMA) (umzekelo, iiprojekthi ezingaphezu kwama20MW kwimimandla esemaphandleni) iEIA iyafuneka.

- Xa uthe wayazi iprojekthi ephakanyiswayo, cela ingcali yovavanyo lokusingqongileyo (EAP) ukuba ikubhalise njengomntu onomdla nochaphazelekayo ukuze ufumane izaziso.
- Abantu ababhalisiweyo banokuthi bangenise izimvo ezibhalwe phantsi kwiingxelo zeEIA, nekufuneka zishicilele ezo zimvo.
- Izaziso kufuneka zibe ngeelwimi zeli, kwaye izimvo zinokungenswa ngolwimi olulolwakho.
- Kufuneka uzimase iintlanganiselo zoluntu uze ungenise izimvo ezibhalwe phantsi lingagqithanga ixesha eliyimfuneko (iintsuku ezingama30 ubuncinane).
- Ukuba iEIA igunyazisiwe, unokuba nelungelo lokubhena kwisigqibo eso kuMphathiswa wezokusiNgqongileyo namaHlathi nezokuLoba zingagqithanga iintsuku ezingama20 emva kokwaziswa.

UKUCELA IINGCACISO

- Ulwimi oluchaphazelekayo, okanye olunokuchaphazeleka, ziiprojekthi zombane ezintsha, lunelungelo lokufumana iingcaciso ezimalunga noko kuphakanyiswayo nendlela ezinokuluchaphazela ngazo ezo projekthi olo luntu namalungelo alo..
- ICandelo 32 loMgaqosiseko linika wonke umntu ilungelo lokufikelela kwiingcaciso ezikuRhulumente nakomnye umntu, ukuba ezo ngcaciso ziyadingeka ukusebenzisa okanye ukukhusela amanye amalungelo. Ungacela ukufikelela kwiingxelo ngokuthi ufake isicelo ngokusebenzisa uMthetho wokuPhakanyiswa koFikelelo kwiiNgcaciso (PAIA).
- Kuhlala kucebiseka ukuzibandakanya nomphuhlisi weprojekthi kusemsinye, ukuze umilisele ukusebenza ngokungafihli nto nonxibelelwano.

NGAPHAMBI KOKUBA UTYIKITYE NANTONI NA

Hlala uphaphile: Yenza izigqibo ezisekelwe kulwazi ukususela ekuqaleni

Ngaphambi kokuba lutyikitye uxwebhu, kubalulekile ukuba uluntu lube nolwazi olululo, lunikwe ixesha lokucamngca, kwaye lube nofikelelo kwinkxaso yezomthetho ezimeleyo.

IziNto ezili10 ezinobuNgozi ekuFuneka ziQatshelwe:

- Izithembiso ezenziwa ngomlomo (kungekho nto ibhalwe phantsi)
- Uxinzelelo lokuba “utyikitye msinya” ngaphandle kokuba nexesha lokucinga
- Ukungabikho kweengcebiso zezomthetho ezizimeleyo
- Ungquzulwano lweemfuno (umntu omnye oodlala iindima eziliqela)
- Ukungabikho kwemizuzu yeentlanganiselo zoluntu
- Ulwimi oluntsokothileyo ngaphandle kwenguqulelo
- Ukuba uluntu lungavumeleki ukuba lubuze imibuzo
- Ukungabikho kwamaxwebhu eentsebenziswano zangaphambili
- Ukusetyenziswa kwendlela enye ukwenza yonke into
- Ukungacaci kwamaxesha emisebenzi namanyathelo alandelayo

